

# UBUSAZI? KUKHO IMIGAQO ESISIGXINA YOKUSETYENZISWA KWAMANZI EKAPA

IMigaqo yoMthetho kaMasipala ongezaManzi inyanzelekile, nokuba akukho zithintelo zibekiweyo.

## Ukusetyenziswa kwamanzi phandle nangaphantsi komhlaba

- Ukunkcenkeshela kuvumeleke kuphela ngaphambi kwentsimbi ye09:00 okanye emva kweye18:00, ukuthintela ukunyuka komphunga wamanzi ngexesha lokutshisa lasemini. Umbhobho wokunkcenkeshela kufuneka ufakelwe isixokelelwane esilawula ukuphuma kwamanzi esinje ngenozile yokufefeza okanye isixokelelwane esizenzekelayo apho sinesixokelelwane esilawula ukuphuma kwamanzi. Oku kujoliswe ekunkcenkesheleni ngamanzi aselwayo kamasipala, ezitsalamanzi nawamaqula.
- Izixokelelwane ezifefeza oku kwemvula (apho kuvumelekileyo) kufuneka zibenako ukumiselwa ngendlela efanelekileyo kwaye zibenakho ukulungiselelwa ukuze kuthintelwe inkcitho yamanzi.
- Imibhobho yokunkcenkeshela esetyenziswa ekuhlantjweni kwezithuthi, amaphenyane neekharavani (apho kuvumelekileyo) kufuneka oko kufakelelwe isixhobo esifanelekileyo esilawula ukuphuma kwamanzi esifana nesifefezi okanye isixhobo esizivalayo ngokunokwaso.
- Akuvumelekanga ukuhlamba okanye ukugalela amanzi ngombhobho wamanzi imigangatho eqinileyo okanye iindawo ezizipavumente ngamanzi aselwayo kamasipala. Abasebenzisi bamanzi, abafana nezilarha zokuxhelela, imizimveliso ecokisa necwangcisa ukutya, amaziko onakekelo, iindawo zokugcina izilwanyana neminye imizimveliso okanye amaziko aneemfuno ezikhethekileyo (eziphathelene nezempilo/nokhuseleko kuphela) kufuneka benze izicelo zokukhululelwa kwezi zithintelo.
- Iitephu eziphandle, ngaphandle kwezo zikwiipropati zokuhlala, kufuneka zikhuseleke ukuze kuthinteleke usetyenziso lwamanzi olungagunyaziswa.
- ISixeko senza isiphakamiso sokuba imithombo engeminye yamanzi enje ngala azizitsalamanzi nakumaqula kufuneka kwakhona asetyenziswe ngobuchule nangokufanelekileyo.

## Ukusebenza kweetephu, iindawo zamagumbi angasese neeshawa

- Umlinganiselo wesantya sokuphuma kwamanzi kwiintloko zeeshawa ezintsha nezitshintshiweyo kufuneka zingadluli kwiilitha ezi7 ngomzuzu.
- Umlinganiselo wesantya sokuphuma kwamanzi kuyo nayiphi na itephu efakelwe kwisitya sokuhlambela, akufunekanga udlule kwiilitha ezi6 ngomzuzu.
- Amatanki amatsha natshintshiweyo okugunxula amanzi kwigumbi langasese awanakho ukudlula kwiilitha ezi6 ngokomthamo.
- Izityana zokuhlambela izandla neeshawa ezibonelelwe kwizakheko zoluntu kufuneka zifakelelwe iitephu zohlobo olulungiselelwe oko.

## Amaqula okuqubha

- Onke amaqula okuqubha kufuneka egqunyiwe ngeziqubutheleli zamaqula ukuze kuthintelwe ukuphuma kolophu xa engasetyenziswa.
- Azivumelekanga izixokelelwane ezizigcwaliselayo ezidada ngaphezulu ezisebenzisa umthombo wamanzi aselwayo ukubonelela amaqula okuqubha namachibi aseadini.

## Ukuhlanjwa kwezithuthi

- Imizi-mveliso yokuhlamba izithuthi kufuneka ithobeke ezona ndlela zamkelekileyo zokusetyenziswa kwamanzi ngokwesithuthi ngasinye esihlanjwayo - umzekelo kurisayiklshwe kwaye kusetyenziswe kwakhona umlinganiselo ongama-50% wamanzi asetyenzisiweyo.

## Iindawo ekuqhubeka ulwakhiwo kuzo

- Amanzi aselwayo kaMasipala awanakho ukusetyenziswa ukuba afumise isanti yokwakha nezinye izinto zokwakha ukuze kuthinteleke ukuba loo santi ingakhukhuliswa ngumoya.

**Jonga uMthetho kaMasipala ongezamanzi wango2010, nje ngoko (ulungiswe ngo2018)  
- iShedyuli-1, ukuze ufumane umbhalo ongqalileyo**

Yazi imigaqo yakho engokusetyenziswa kwamanzi kwaye uyithobeke.  
Ukuze ufumane ezinye iinkcukacha, ndwendwela kwa:

[www.capetown.gov.za/waterregulations](http://www.capetown.gov.za/waterregulations)



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.